

ISIFUNDO SESIKOLO
SESABATHA SABANTU
ABADALA

3 OYENA MNCINANE KWABA

UKULUNGISELELA

KWABO BANENTSWELO



Okuqulathiweyo

1	UThixo Wadala— <i>Juni 29-Julayi 5</i>	4
2	Isicwangciso Sezwe Elingcono— <i>Julayi 6-12</i>	12
3	ISabatha: Imini Yenkululeko— <i>Julayi 13-19</i>	20
4	Inceba Nobulungisa KwiNdumiso NeMizekeliso— <i>Julayi 20-26</i>	28
5	Isikhalo Sabaprofeti— <i>Julayi 27-Agasti 2</i>	36
6	Makunqulwe UMdali— <i>Agasti 3-9</i>	44
7	UYesu Nabo Basweleyo— <i>Agasti 10-16</i>	52
8	Oyena Mncinane Kwaba— <i>Agasti 17-23</i>	60
9	Ulungiselelo Kwibandla LeTestamente ENTsha— <i>Agasti 24-30</i>	68
10	Ukuyiphila Igospile— <i>Agasti 31-Septemba 6</i>	76
11	Ukuphila Ithemba LokuBuya— <i>Septemba 7-13</i>	84
12	Ukuthanda Inceba— <i>Septemba 14-20</i>	92
13	Usapho Lwabakhonzi— <i>Septemba 21-27</i>	100

Iofisi Yabahlali:
12501 Old Columbia Pike
Silver Spring, MD 20904

Sityelele Kwi-Web site:
<http://www.absg.adventist.org>

Onegalelo Elikhulu Esifundweni:
Jonathan Duffy

Umhleli:
Clifford R. Goldstein

Isekela-mhleli:
Soraya Homayouni

Umanejala Wopapasho:
Lea Alexander Greve

Oncedisayo Ekuhleleni:
Sharon Thomas-crews

Ohlanganisa Konke EPacific Press:
Tricia Wegh

Umzobi Nocwangciso:
Lars Justinen

Oguqulele EsiXhoseni:
Mpumelelo I. Buwa

© 2019 General Conference of Seventh-day Adventists®. Onke amalungelo agodliwe. Akukho ndawo kwiSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala, (uMgangatho oHleliweyo) inokuhlelwa, itshintshwe, ilungiswe, iqhelanise, iguqulwe, yandise, okanye ipapashwe ngumntu okanye umbutho ngaphandle kokuba, phambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo esiphuma kwiGeneral Conference of Seventh-day Adventists®. Iiofisi zezahlulo zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® zinegunya lokulungiselela ukuguqulwa kweSikhokelo Sokufundwa kweBhayibhile Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala phantsi kwemiqathango ekhokelayo emiselweyo. Ilungelo lobunini benguqulelo ezinjalo kunye nokusasaza kwazo kuya kuhlala kulilungelo leGeneral Conference.

U"Seventh-day Adventist," "Adventist" kunye ne'logo' yelangaty eziimpawu zorhwebo ezisemthethweni zeGeneral Conference of Seventh-day Adventists® kwaye azinako ukusetyenziswa ngaphandle kokuba, ngaphambi koko, kufunyanwe isigunyaziso esiphuma kwiGeneral Conference. Isikhokelo Sesifundo Sesikolo SeSabatha Sabantu Abadala silungiswa yiofisi ejongene neZikhokelo Zokufundwa KweBhayibhile Ngabantu Abadala kwiNkomfa Eyongameleyo (General Conference) yaBalindi (Seventh-day Adventists®). Isikhokelo esi siphantsi kwenkokhelo yeQumrhu elipapasha izikhokelo zokufunda iBhayibhile. Isikhokelo esipapashiweyo sibonisa igalelo lekomiti yelizwe ngokubanzi ehloa umgangatho nokuvuma kweBhodi yosasazo lweSikolo SeSabatha ukuze ngolo hlobo isifundo singabi ziingcamango zombhali okanye ababhali kuphela.

linguqulelo ZeBhayibhile Ezisetyenzisiweyo (Zimbini ezesiXhosa):

Eyokuqala: IZIBHALO EZINGCWELE: U'Hlaziyo lweNguqulo yeMvumelwano, kuHlaziyo loBhalo-magama oluVunyiweyo, uhlelo lweshumi elinambini 2010; ushicilelo lweshlanu 2014. [Yeyona isetyenzisiweyo koku kuguqulwa kwale ncwadi].

Eyesibini: IBHAYIBHILE: Inguqulelo entsha egqityezelwe ngowe-1996. Xa kucatshulwe kuyo kubhalwa IBHAYIBHILE emva kwaloo ndima icatshulweyo.

Ukuba kwenzekile kwasetyenziswa okuphuma kwinguqulelo yesiNgesi, kuya kwaziswa noko. [Nazo ezesiNgesi zisetyenziswe ngemvume kwisifundo esiguqulwayo

Ukusetenziswa kwagama i "Bhayibhile" kubhekisa nakweyiphi inguqulelo, ngaphandle kwaxa libhalwe ngqo emva kwendima ecatshulweyo.

Kwesi isifundo, sekota yesithathu yowama-2019, kusetyenziswe kakhulu iNIV. Texts credited to NIV are from the Holy Bible New International Version. Copyright © 1973, 1978, 1984, 2011 by Biblica, Inc.® Used by permission. All rights reserved worldwide.

Ukongeza kwiNIV kusetyenziwe iNKJV. Texts credited to NKJV are from the New King James Version. Copyright © 1979, 1980, 1982 by Thomas Nelson, Inc. Used by permission. All rights reserved.

Zikho ke nezinye, gqaba-gqaba.

Oyena Mncinane Kwaba . . .



AmaSeventh-day Adventists abizelwe ukuba avakalise iindaba ezilungileyo ezingunaphakade” (IsiTy. 14:6) kuwo wonke umhlaba. Ngokwenza njalo sithobela amazwi kaYesu angokwenza abafundi, sibabhaptiza, athi, nibafundisa ukuba bazigcine zonke izinto endiniwisele umthetho ngazo” (Mat. 28:20). Phakathi kwezinto awise umthetho ukuba sizenze kukulungiselela (ukuncedwa) abo basebuhlungwini, abacinezelweyo, amahlwempu, abalambileyo nabasezintolongweni.

Ngapha koko, yayinguYesu owathi, emva kokwenza umzekeliso womSamariya olungileyo (Luka 10:30-36), wabanika umthetho abaphulaphuli baKhe: “Hamba, uye kwenjenjalo nawe.” (Luka 10:37). YayinguYesu owathi xa ezoba ixesha aya kwahlula izizwe phambi “njengokuba umalusi ezahlula izimvu ezibhokhweni” (Mat. 25:32), wathetha ngendlela okubaluleke ngayo ngokwenene ukunceda abalambileyo, abagulayo, abaze, nabavalelwe ezintolongweni. Watsho esithi, “Inene ndithi kuni, Ekubeni nenjenjalo nakumnye kubazalwana bam bangabona bancinane, nenjenjalo nakuM.” (Mat. 25:40).

Ngamanye amazwi, kunye nokuvakaliswa kweenyaniso ezinkulu ezingosindiso, ingcwele, imeko yabafileyo, kunye nokuma ngonaphakade komthetho, kufuneka silungiselele kwiintswelo zabanye. Ingaba yeyiphi indlela engcono yokufikelela ebantwini ngaphezu kokubasebenzela? Ngokubhala okuqhelekileyo kukaEllen G. White: Yindlela kaKristu kuphela eya kunika impumelelo eyiyo ekufikeleleni ebantwini. UMSindisi wazixuba nabantu njengononmqweno wokulungelwa kwabo. Wabonisa uvelwano kubo, elungiselela kwiintswelo zabo, waza wakuzuzisa ukuba bamthembe. Emva koko wababiza, “Ndilandeleni.”—*The Ministry of Healing*, iph. 143.

Ngokwenye ingxelo, isiBhalo sineendima ezingama-2,103 ezixela ngokukhathala kukaThixo okukodwa ngamahlwempu nabacinezulweyo Xa kuthelekiswa kweminye imiba yokholo, imfundiso, nokuphila ubuKristu jikelele, ubunzima besikali bokuthetha ngokulungiselela kwabo banentswelo bunzima kakhulu. Kufuneka sizixakekise ngokusebenzela ukususa intlungu nokubuleka okujikelezileyo. Oku akuphunguli nto emsebenzini wethu wokusasaza ivangeli; koko kunokuba yindlela enamandla yokukwenza oko. Phofu ke, kuyinto elungileyo ukunceda abanye, nje ukubanceda. Kufuneka “senze okusesikweni” (jonga kuMika 6:8) kuba kulungile kukwasesikweni, xa sinceda abanye kwiintswelo zabo ezikhawulezileyo nezasemhlabeni, sikwabakhombisa kwisizathu se“themba elingaphakathi kwenu” (1 Pet. 3:15), elisisithembiso sobomi obungunaphakade kuKristu.

UYesu waphilisa izifo, wanika ukubona kwabazimfama, waphilisa abaneqhenqa, wada wavusa abafileyo. Noko kunjalo, bonke aba walungiselela kubo babeza kufa kungekudala emva koko, akunjalo? Ngoko ke, ekugqibeleni, nokuba kunjani okulungileyo awabenzela kona, neentswelo zabo zelo xesha, wenza okungaphezulu. Kunjalo, walungiselela kwabasentlungwini, kodwa wabacela esithi, Ndilandeleni. Yiloo nto kanye eyenza ukuba nathi silungiselele kwabasentlungwini size sibacele sithi, Mlandeleni.

Ngaphandle kokuthandabuza, ngokuzama ubulungisa nokulungileyo emhlabeni, siphila ubukumkani bukaThixo (jonga kuLuka 4:18, 19) ngendlela noko ethembekileyo, efanelekileyo, mhlawumbi, nenempumelelo yokubushumayela. Xa sikhathalele amahlwempu nabacinezulweyo, sinika imbeko nonqulo uThixo (bona kuIsa. 58:6-10). Kanti ke, ukuba siyasilela ukulungiselela abasentlungwini, ababulelekayo, nabophukileyo, simveza ngendlela engeyiyo uThixo (jonga iMis. 14:31). Kule kota, siza kubona oko kuthethwa liliZwi likaThixo (kwaye kuninzi) ngoxanduva lwethu lokulungiselela kwiintswelo zabo basingqongileyo. “Namkele ngesisa, yiphani ngesisa” (Mat. 10:8). Kuqukwe apho konke.

UJonathan Duff usebenze njengomongameli ka-ADRA International kususela ngowama-2012. Phambi kokuba azimanye noADRA Australia ngowama-2008, uDuff wasebenza njengomphathi weAdventist Health yebandla kwiSouth Pacific Division, apho waba namava abanzi ekukhuthazeni impilo nokukhulisa impilo phakathi koluntu.